I

I(a) – ISikhokelo seSebe i*WCED*: Ukuxolelwa komfundi ekuhambeni isikolo sikarhulumente

ICandelo eliKhulu: uPhuhliso noQuquzelelo lwamaZiko	I(a) – ISikhokelo seSebe i*WCED*: Ukuxolelwa komfundi ekuhambeni isikolo sikarhulumente	
I – ISikhokelo seSebe i*WCED*	Sikhutshwe: Nge-03 Julayi 2020	Masijongisiwe njengesiyimfuneko naxa kuyimfuneko

Sivunywe yiNtloko yeSebe:

_____

BK Schreuder
Umhla: 03 Julayi 2020

I(a) – ISIKHOKELO SESEBE I*WCED*: UKUXOLELWA KOMFUNDI EKUHAMBENI ISIKOLO SIKARHULUMENTE

1. **Injongo**

Kukubonelela ngesikhokelo kwiinqununu nakwiiKomiti zoLawulo zeZikolo (*School Management Teams*) zeSebe leMfundo leNtshona (iSebe i*WCED*) esimalunga nokulawula abafundi abazali/abagcini babo abanganqweneli ukubathumela abantwana babo esikolweni ngethuba elizayo eliya kubakho, nokuba oko kungenxa yokuba nezinye izigulo ngaxeshanye (*comorbidities*) okanye akunjalo.

2. **Imiyalelo emitsha**

Nge-23 Juni 2020, iSebe leMfundo esiSiseko kazwelonke likhuphe iMiyalelo emitsha kwiSaziso sikaRhulumente 343, esipapashwe *kwiGazethi kaRhulumente No*. 43465, ngokoMmiselo 4(3) weMimiselo eyenziwe phantsi koMthetho woLawulo lweeNtlekele, 2002 (uMthetho 57 ka-2002).

Ukuba umzali/umgcini womfundi okwisikolo sikarhulumente ukhetha ukungamthumeli umntwana wakhe esikolweni kwithuba lilonke okanye kwinxenye yethuba elizayo eliya kubakho, kufuneka ke enze isicelo kwiNtloko yeSebe, eya kuthi, ngokwecandelo 4 loMthetho weZikolo waseMzantsi Afrika, 1996 (uMthetho 84 ka-1996), imxolele umfundi okwethutyana naphantsi kwemiqathango ethile ekuhambeni isikolo ngokunyanzelekileyo, ukuba oko kumlungiselela ngeyona ndlela ibhetele umfundi. Siya kuyiqwalasela imeko amaxesha ngamaxesha yaye siya kubazisa abazali kwangexesha ngokuqala kugqithwe kwizikolo zabo ukuba liya kuphela nini na ithuba lokuxolelwa komfundi.

Esi sikhokelo <u>sithatha indawo</u> yesikhokelo esasithunyelwe ngaphambili njenge-*ISikhokelo seSebe iWCED I: Ukulawula abafundi abanezinye izigulo ezizezinye* (*WCED Guideline I: Managing learners with comorbidities*).

Kukho ezi ndidi zinokukhethwa zilandelayo zifumanekayo kubazali/kubagcini ukuba abanqweneli kumthumela umntwana wabo esikolweni:

Udidi 1: Isicelo sokuxolelwa komfundi **onezinye izigulo (*with comorbidities*)** ekuhambeni isikolo ngokunyanzelekileyo.

Udidi 2 Isicelo sokuxolelwa komfundi (ongenazo izigulo ezizezinye) okwethutyana naphantsi kwemiqathango ethile ekuhambeni isikolo ngokunyanzelekileyo.

Udidi 3: Ukukhutshwa ezincwadini zesikolo *(deregistration)* komfundi nokwenziwa kwesicelo sokufundela ekhaya.

3. Udidi 1: Isicelo sokuxolelwa komfundi onezigulo ezizezinye ekuhambeni isikolo ngokunyanzelekileyo

3.1 Intsingiselo yokuba nezigulo ezizezinye (*comorbidities*)

Zininzi iinkcazelo zokuba nezigulo ezizezinye (*comorbidities*). Ukulungiselela injongo yesi sikhokelo, ukuba nesigulo esisesinye (*comorbidity*) kuthathwa njengokuba zezinye izigulo ezinganyangekiyo (*other chronic health conditions*) okanye izigulo ezenzeka nezinye izigulo okanye ekunokwenza zibe kwimeko embi xa zisenzeka ne*COVID-19*. Uluhlu lwezigulo ezizezinye lunokufunyanwa kwisiHlomelo A.

3.2 Amanyathelo ekufuneka athathwe

3.2.1 Umzali/umgcini makenze isicelo kwiNtloko yeSebe ukulungiselela ukuba axolelwe ekuhambeni isikolo ngokunyanzelekileyo emva kokubonisana nenqununu.

3.2.2 Ngaphambili, iSebe i*WCED* likhuphe iSikhokelo seSebe i*WCED* I: ukulawula abafundi abanezigulo ezizezinye (*comorbidities*) apha (https://wcedonline.westerncape.gov.za/back-school. Abazali/abagcini banokwenza isicelo sokuxolelwa ngenxa yokuba nesigulo esisesinye esinxulumene nobhubhane we*COVID-19*. Isicelo sasithunyelwe ngqo kwinqununu.

3.2.3 Le nkqubo ayisasebenzi. Umzali/umgcini makenze isicelo ngoku kwiNtloko yeSebe ukulungiselela ukuba umfundi axolelwe ekuhambeni isikolo ngokunyanzelekileyo.

3.2.4 Ukuze afake isicelo, umzali/umgcini kufuneka azalise yaye angenise la maxwebhu alandelayo:

- IsiHlomelo B(1) esichaza izizathu zokucela kwabo ukuxolelwa komfundi.
- Ingxelo yembali yezonyango esuka kwingcali yezonyango engugqirha onyanga umntwana onesigulo

- Umzali/umgcini makazibophelele ekuthatheni uxanduva ngokufundela ekhaya komntwana wakhe ngokuzalisa isiHlomelo C, esikhankanya imiqathango emayithotyelwe ngumzali/ngumgcini ochaphazelekayo.

3.2.5 Umzali/umgcini kufuneka angenise ikopi yesiHlomelo B(1), ingxelo yezonyango kunye nesiHlomelo C kwinqununu.

3.2.6 Inqununu mayigcine ikopi yesicelo yaye ingenise amaxwebhu esicelo kwiNtloko yeSebe ngokusebenzisa ezi dilesi ze-imeyili zilandelayo:
- Sigamoney.Naicker@westerncape.gov.za
- (cc) iLhaam.Manan@westerncape.gov.za

3.3 **Imisebenzi eluxanduva yomzali/yomgcini**

3.3.1 Umzali/umgcini makamkele yaye avume (isiHlomelo C) ukuthatha uxanduva lokongamela ukufunda komntwana wabo ekhaya.

3.3.2 Oku kuquka:
- ukudala imeko ekhuthaza umntwana wabo ukuba afundele ekhaya;
- ukwamkela uxanduva lokongamela ukufunda imihla ngemihla komntwana wabo esekhaya, kuqukwa nomsebenzi wemihla ngemihla kunye neemvavanyo;
- ukwamkela uxanduva lokuqinisekisa ukuba bayaziswa ngomsebenzi emawufundwe kunye nomsebenzi emagqitywe yonke imihla; kunye
- nokuqinisekisa ukuba wonke umsebenzi nee-asayinmenti ziyaqokelelwa yaye ziziswe esikolweni, njengoko kufunekayo nangokuba kuvunyiweyo sisikolo.

3.3.3 Umzali/umgcini makamkele ukuba xa le miqathango ingentla ingafezekiswa, kunokurhoxiswa ukuxolelwa ekuhambeni isikolo ngokunyanzelekileyo .

3.3.4 Umzali/umgcini makamkele ukuba xa isimo sentlekele kazwelonke siphelile, umntwana wabo uya kukhutshwa ezincwadini ukuba akabikho esikolweni ngaphezu kweentsuku eziyi-10 ngaphandle kwesizathu esivakalayo.

3.3.5 Ukuba umzali/umgcini akavumelani nemisebenzi eluxanduva engentla, umfundi makabuyele esikolweni.

3.4 **Umsebenzi oluxanduva wesikolo**

3.4.1 Ootitshala mabacwangcise umsebenzi wabafundi yonke imihla okanye rhoqo ngeveki yaye bawenze ufumaneke kumzali/kumgcini okanye kumfundi.

3.4.2 Ootitshala mabafumane umsebenzi ozalisiweyo okanye ii-asayinmenti, bazimakishe yaye bazibuyisele kumfundi.

3.4.3 Ootitshala mababonisane nomzali/nomgcini ngokunxulumene nokwenziwa kwamalungiselelo eemvavanyo eziyimfuneko.

4. Udidi 2 Isicelo sokuxolelwa komfundi (ongenazigulo zizezinye (*comorbidities*) okwethutyana naphantsi kwemiqathango ethile ekuhambeni isikolo ngokunyanzelekileyo

4.1 Izizathu zokuxolelwa

Izizathu zomzali/zomgcini zokwenza isicelo sokuxolelwa okwethutyana naphantsi kwemiqathango ethile komfundi ekuhambeni isikolo ngokunyanzelekileyo makunikwe isizathu ezixhasayo kwisiHlomelo B(2).

4.2 Amanyathelo ekufuneka athathwe

4.2.1 Umzali/umgcini makenze isicelo kwiNtloko yeSebe sokuxolelwa ekuhambeni isikolo ngokunyanzelekileyo emva kokubonisana nenqununu.

4.2.2 Umzali/umgcini makazalise okulandelayo:

- IsiHlomelo B(2) yaye achaze izizathu zokwenza isicelo sokuxolelwa komfundi.
- Umzali/umgcini makazibophelele ekuthatheni uxanduva lokufundela komntwana wakhe ekhaya ngokuzalisa isiHlomelo C, esikhankanya **imiqathango** ekufuneka ithotyelwe ngumzali/ngumgcini ochaphazelekayo

4.2.3 Umzali/umgcini makangenise ikopi yesiHlomelo B(2) nesiHlomelo C kwinqununu.

4.2.4 Inqununu mayigcine ikopi yesicelo yaye ingenise amaxwebhu esicelo kwiNtloko yeSebe ngokuwathumela apha:
Schooling.exemption@westerncape.gov.za

4.3 Imisebenzi eluxanduva lomzali/lomgcini

4.3.1 Umzali/umgcini makamkele yaye avume (kwisiHlomelo C) ukuthatha uxanduva lokongamela ukufunda komntwana ekhaya.

4.3.2 Oku kuquka:

- ukudala imeko ekhuthazayo yokuba umntwana wabo afundele ekhaya;
- ukwamkela uxanduva lokongamela ukufunda komntwana wabo imihla ngemihla esekhaya, kuqukwa nomsebenzi neemvavanyo zemihla ngemihla kunye ;
- ukwamkela uxanduva lokuqinisekisa ukuba bayaziswa ngomsebenzi emawufundwe kunye nomsebenzi emawuzaliswe yonke imihla; kunye
- nokuqinisekisa ukuba wonke umsebenzi nee-asayinmenti ziyaqokelelwa yaye ziziswe esikolweni, njengoko kufunekayo nangokuba kuvunyiweyo sisikolo

4.3.3 Umzali/umgcini makavume ukuba xa le miqathango ingentla ingafezekiswa, kunokurhoxiswa ukuxolelwa komfundi ekuhambeni isikolo ngokunyanzelekileyo .

4.3.4 Umzali/umgcini makavume ukuba xa isimo sentlekele kazwelonke siphelile, umntwana wakhe uya kukhutshwa ezincwadini ukuba akabikho esikolweni ngaphezu kweentsuku eziyi-10 ngaphandle kwesizathu esivakalayo.

4.3.5 Ukuba umzali/umgcini akavumelani nemisebenzi eluxanduva engentla, umfundi makabuyele esikolweni.

4.4 **Umsebenzi oluxanduva lwesikolo**

4.4.1 Ootitshala mabacwangcise umsebenzi wabafundi yonke imihla okanye rhoqo ngeveki yaye bawenze ufumaneke kumzali/kumgcini okanye kumfundi.

4.4.2 Ootitshala mabafumane umsebenzi ogqityiweyo okanye ii-asayinmenti, bazimakishe yaye bazibuyisele kumfundi.

4.4.3 Ootitshala mababonisane nomzali/nomgcini ngokunxulumene nokwenziwa kwamalungiselelo eemvavanyo eziyimfuneko.

5. Udidi 3: Ukukhutshwa ezincwadini komfundi nokwenza isicelo sokufundela ekhaya

5.1 Ukuba umzali/umgcini unqwenela ukuba akhutshwe ezincwadini umntwana wakhe yaye enze isicelo sokuba umfundi afumane imfundo ekhayeni lakhe (ukufundela ekhaya), kufuneka azithobele iimfuno ezingummiselo zomthetho

zokubonelela ngokufundela ekhaya, njengoko kuchatshazelweyo kwicandelo 51 loMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika, 1996 (uMthetho 84 ka-1996).

5.2 NgokoMgaqo-nkqubo i-*Policy on Home Education, 2018*, iimfuno ezingummiselo nemisebenzi yabazali, kunye nefom yesicelo zinokufumaneka apha: https://wcedonline.westerncape.gov.za/home-education

5.3 Umfundi okhutshiweyo ezincwadini zesikolo kuya kunyanzeleka ukuba enze isicelo kwakhona sokwamkelwa yaye athobele iimfuno ezingummiselo zokwamkelwa ukuba unqwenela ukubuyela kwisikolo sikarhulumente.